DUBE UYA ESIKOLWENI

IBALI ELACHAZELWA UMARITA RADEMEYER NGU DUBE TSHIDI

UDube Tshidi wakhulela e Atteridgeville, ilokishana ekwiphondo lase Goli (Johanesbege) kumantla ase Pitoli. Ngelixesha uDube angumntwana, kwakukho imithetho engqongqo emzantsi afrika eyayibenza bube nzima kakhulu ubomi bomntu ontsundu.

Abantu abantsundu babengavumelekanga ukuba bavotele ulonyulo lwelizwe,babengena kuzikhethela apho banokuhlala khona,izikolo abanokufunda kuzo okanye izibhedlele abanokuya kuzo.

Oomama no tata babesebenza kude kunamakhaya abo bengenakubabona abantwana babo kanga ngeenyanga.

Abantu abamnyama kwakufuneka besebenze owona msebenzi wakhe wanzima ukurhola (ukufumana) imali ebonakalayo.

Babengaphethekanga ngentlonipho. Ngamanye amaxesha babebanjwa(valelwa) okanye babulawe uxa bephakamela amalungelo wabo.

UDube uhlala nomama, utata, udade nabantakwabo kwindlu encinane eyenziwe ngamazinki.

Kwakungekho igumbi lokuphekela (ikhitshi) negumbi liokuhlambela (bathroom).

IFemeli yonke yayilala phantsi kwigumbi elinye.Ebusika babedibana begonene ukuze kufudumale kuba bengenazo ngokwaneleyo iingubo.

Ehlotyeni bekuba shushu kakhulu xa ulele umbilo ububaleka kulomzinjana ka Dube.UMama no tata ka Dube babengakwazi ukufunda nokubhala ngokuba babengazange baya eskolweni.

Babengakwazi ukubhala incwadi okanye bagcwalise ifomu (forms) ,babengakwazi ukufunda imilinganiselo ebhalwe ebhotileni yamayeza, zininzi izinto bebengakwazi ukuzenza.

UDube wayefuna nyhan,!nyhani !ukuya esikolweni.

Wayefuna ukufunda, ukubhala ukubala nokufunda malunga nelizwe.

Kodwa ifemeli yakhe ibingenayo imali ye yunifomu (uniform) neye ndleko zesikolo.

UDube wayebukele abanye abantwana esitalatweni sabo besiya esikolweni benxibe ihempe ezimhlophe ne bhulukhwe ezimfutshane ezimnyama . Ebeneminyaka emithandathu kwaye wayesiva intliziyo yakhe yayizaku gqabhuka.Wayefuna nyhani!, nyhani! ukuya esikolweni nabanye abantwana.

Ngenye imini uDube walandela umelwane nabantwana bakhe indlela yonke besiya esikolweni sama Katolike sama (Roma), Kwakhukho abantwana abaninzi benxibe iyunifomu yesikolo xa ikhala intsimbi bema ngomgca.

UDube wayenganxibanga yunifomu kodwa wema ekupheleni komgca.

Wayeziva esoyika xa weyesiya kumgca ongaphambili.

Kwakukho indoda ende emhlophe eyayinxibe ezimnyama.Le ndoda yamjonga yambuza umbuzo ngolwimi lwakhe, isi Sisuthu: "Ufuna ukuya eskolweni mfana?" UDube wayengazange wathetha nomntu omhlophe. Wayesoyika, kodwa nyhani, nyhani wayefuna uku ukuya esikolweni.

Waye washukumisa intloko, amehlo akheemakhulu ingathi yi sosi. Yathi indoda "Ndizakunceda uye esikolweni."

Lendoda yayingumfundisi wase Katolike igama layo ingu Tata uFrank.

Wasigcina isithembiso sakhe wenza icebo lokuba uDube aye esikolweni.

UDube wayevuya khulu kakhulu ukuya esikolweni. Yonke imihla wayehamba ibanga elizi yure ezimbini ukuya, iiYure ezimbini ukubuyela ekhaya – ngenyawo ehlotyeni nasebusika. Kwakuyindlela ende kodwa kwakumelezekile.

Wayefunda izifundo zakhe ezama nokubhala esileyitini sakhe. (ngaloomaxesha , uninzi lwabantwana besikolo abantsundu babenganikwa iphepha lokubhalela babebhalela kwikhadibhodi encinane emnyama eyayibizwa ukuba sisileyiti.

Emva kwexesha ,UDube waye wagqiba ukuba angene ibandla (icawa) lika tata uFrank.

Ngecawe njalo uhamba iyure ezimbini ukuya ecaweni, iyure ezimbini ukubuyela endlini.

Izifundo awayezifunda uDube kukuba amthande uThixo,ukuthanda umelwane wakho nokuthetha inyaniso.

Wafunda nendlela yokunceda abanye abantu.Waye wagqiba ukuba alandele umzekelo ka Yesu achithe ixesha lakhe enceda abantu.

Uthe akuba neminyaka elishumi eninesibini, UDube waqala ukufumana umthendeleko ecaweni.

Utata uFrank wayeme ngaphambili loomini enenyembezi ezibaleka esidleleni.

Namhlanje UDube yindoda ekhulileyo. Ungumtshutshisi, Uyindoda enceda abanye abantu abangenamandla wokuzimela ngokwabo. Wachitha iminyaka emininzi efunda ezikolweni nase mayunivesiti, kodwa wayesithi ngu Tata Frank owamfundisa eyona mfundiso ebalulekileyo ebomini – imfundiso asayiphumeza yonke imihla.

Advocate Dube Tshidi

Dube began studying law in 1991 and has attained the degrees of B.Juris, Bachelor of Law and Master of Law at universities in South Africa and abroad. He grew up in Atteridgeville where he was the first member of his family to enter formal schooling. Dube worked for the Catholic Archdiocese of Pretoria and in the office of the Pope's representative in South Africa. In 1994 he joined the Financial Services Board of South Africa as a junior analyst in the retirement funds division. Today he is the Chief Executive Officer of the Board.